Lirolelwa 8/6 nge Kwata (itu- nyelwe ingekapeli)
4s ipele i Kwata ingarolwa- nga.
Unokuhlaulelwa wonke Unya- ka ekuveleni kwawo nge 13s 6d.
Izaziso Zabazelweyo, Aba- tshatileyo, Nemibiko, irolelwa *2s* 6d, zingene kanye; 3s 9d kabini; 5s katatu.

# Imvo Neliso Lomzi

## (NATIVE OPINION AND GUARDIAN.)

*Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories,*

ELIPEPA LIPUMA NGOLWESI-NE
IVEKI ZONKE
Lijonge Ilungelo Lomzi ku- pela.
Limele imfanelo ya Bantsu- ndu ngapandle koloyiko.
Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

IXABISO 3d] KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, THURSDAY, SEPTEMBER 24, 1896. [Vol. XII No. 622

## IZAZISO ZAKOMKULU.



*ZISHICILELWA NGE GUNYA.*

**IMIHLABA ELAHLIWEYO E DIKENI.**

-------

Esi Saziso sibhengezelwa ukuze azi ubani nobani, ngu
A. W. BAKER, Imantyi.
Kwi Ofisi ye Mantyi
Edikeni, 7 August, 1896.

------

ISAZISO SA KOMKULU.—No. 664,1896

-----

*Kwi Sebe Lokulima,*
*Cape of Good Hope,*
*16th July,* 1896.

KUYAZISWA apa, ngokwesiqendu Sokuqala so mteto we Mihlaba Elahliweyo, ongu No'. 3, we 1879, owahlo- nyelwa yimiteto Nos. 24 we 1887, no 15 we 1895, ukuba leilira ingezantsi, ekwi siqingata se Victoria East (Dike- Ngqu- shwa), ikangelwe njengelahliweyo, ka- njalo u-Rulumente nya kuyitabatela kuye ngomhla we

*20th JANUARY, 1897,* ukuba ngeloxa akuvelanga baniniyo ba- yibange, okanye irafu ezingama-tyala kuyo zihlaulwe ku Mantyi weso Siqingata, njengoko kufuneka njalo ngokwe Siqendu salomteto ukankanywe ngentla.
CHARLES CURREY,
Unobala Ongapantsi we Sebe Lokulima.

Imihlaba ekwi Siqingatase Dike-Ngqu- shwa, ebalelwa ukuba ilahliwe.

Tshikila, e Auckland, Isiza Lot No. 1, Block B, ne Ntsimi Lot No. 12;ukubanzi bentsimi zimaile ezintatu, isiza 50 square roods ; imali elityala : £6 5s. kususela ku January, 1886.

Mtirara, e Auckland; Isiza Lot No. 10, Block D, ububanzi, 50 square roods ; ne Ntsimi Lot No. 24, ububanzi zimaile zontatu; imali elityala £5 12s. 6d. kusu- sela ku January, 1887.

Nqikili, e-Kwezana, Isiza Lot No. 10, Block A.A., ububanzi 50 square roods; ne Ntsimi, Lot No. 121, ububanzi 2 miles ; imali elityala ukususela ku January, 1884, zi £7 10s.

Jan Koss, kwa Gwabeni. Intsimi, Lot No. 19, ububanzi zimaile zontatu ; Imala elityala ukususela ku January 1885, zi £5 10s.

Komani Jaza, kwa Gobe, Isiza Lot No. 3, Block B, ububanzi 50 square roods; ne Ntsimi Lot No. 1, ububanzi zimaile zontatu, Imali elityala ukususela ku January, 1887, zi £5 12s. 6d.

Sovio, e-Mxelo, Intsimi Lot No. 138 : ububanzi zimaile zontatu. Imali elityala ukususela ku January, 1881, zi £6 10s.

Ndingana, e-Mxelo. Intsimi Lot No. 81; ububanzi zimaile zombini. Imali elityala ukususela ku January, 1884, zi £6.

Jonas Adonis, kwa Mabandla : Isiza Lot No. 163, Block H2; ububanzi 93 square roods, 108 square feet, ne Ntsimi Lot No. 203, Block J, ububanzi zimaile zone, ne 433 square roods, 1419 square feet. Imali elityala kususela ku January, 1890, zi £5 5s

## INTSHUMAYELO

------

NGU MHLEKAZI UMPATI MIKOSI U WILLIAM HOWLEY GOODENOUGH,
Ilungu le Qela Elibekekileyo le Bath, Igosa Elikulu elipete Imikosi yo Mntan' Omhle kule Koloni ye Cape of Good Hope. Opete u Laulo lwale koloni kwakunye namazwe nezibaxa zawo, ne sandla Esi- kalu somntan' Omhle njalo-njalo, njalo- njalo.

------

NGEGUNYA endilinikwa Lipepa la Komkulu, ukwenza ubulungisa ngokupeleleyo kule Koloni, elibalwe ngomhla we 4 ka May, 1832, ndiyayaleza apa, ndimisela nokumisela, ukuba, nge- sizatu sokulungiselela i Jaji, ezindawo zikankanywa ngasezantsi, ziyakwabiwa zibe zezi ziqingata:—

*Isiqingata Esipezulu,*

Esokuqala, sesase Vryburg, kunye ne Kuruman.
Esesibini, isiqingata sase Mafeking.
Esesitatu, sesase Richmond, ndawonye ne Murraysburg ne Britstown.
Esesine, sesase Victoria West, ndawonye ne Carnarvon, Prieska, Kenhardt, ne Gordonia.
Esesihlanu, isiqingata sase Kolsberere, kunye ne Hanover ne Philipstown.
Esesitandatu : isiqingata sase Alvani, kunye ne Gqili (Herschel).
Esesixenxe: isiqingata sase Barkly East.
Esesibozo: isiqingata sase Albert.
Esesitoba : isiqingata sase Steynsburg.
Eseshumi: isiqingata sase Metele, kunye ne Hopetown.
Eseshumi elinanye: isiqingata sase Kaladokwe.

Kanjalo ndiyalela, ndimisela, ukuba ngo Mvulo, ngomhla we 21 ku SEPTEMBER, 1896, inkundla yomjikelo iyakuba se Vryburg, yonganyelwe yi Jaji ye nkundla Enkulu yamatyala yase Koloni, ukupulapula nokugweba ama- tyala onke anokutetwa zinkundla zalo- mjikelo, nokwenza ezinye izinto eyalelwe ukuzenza ngomteto lo Jaji; inkundla ezi kwanjalo Zobako kwidolopu ezinkulu kwezinye iziqingata ezo zibaliweyo, ngentsuku ezoyalelwa ngazo emva koku.

Ndiyaziyala ngokute nqo i Mantyi zonke, Abameli ematyaleni, ne Felku- rneti, nangawambi Amagosa, ukuba ancede ezonkundla, kuba eyakupendula xa angakwenzanga oko.

U TIXO ASINDISE INKOSAZANA!

Ikutshwe ngesandla sam netywina lakomkulu le Koloni yase Kapa ngomhla 6 ku August, 1896.
W. H. GOODENOUGH,
Lieutenant General,
Igoso Elipete Ulaulo.

Ngomyolelo wo Mhlekazi Opete i Gqugula lolaulo,
THOMAS UPINGTON,
Umchazi-Miteto.

## INTSHUMAYELO

NGU MHLEKAZI UMPATI MIKOSI U WILLIAM HOWLEY GOODENOUGH.

Ilungu le Qela Elibekekileyo le Bath, Igo- se Elikulu elipete Imikosi yo Mntan ' Omhle kule Koloni ye Cape of Good Hope. Opete u Laulo Iwale koloni - kwakunye namazwe nezibaxa zawo, ne sandla Esikulu so Mntan' Omhle njalo-njalo, njalo-njalo.

-------

EKUBENI nge Ntsumayelo engu No. 469, yosuku lwama 25 ku November 1895, U Mhlekazi i Ruluneli washumayelayo wazisa wabika ngegu- nya lomteto ongu No. 25 we 1893,

obizwa ngokutiwa " Ngumteto wezifo zempahla, 1893," ukuba imizi yo Kali, Bob, Mlungu, Bokiwa, Mbeni, Qetanis, Wana, Nozingca, Hlekiso, Velapi, Ma- takana, no Drijvis, bakwa Qumbu, iba- ndakanyiwe kwinteto yalomteto uxeli- weyo, sabe eso sigingata sine mofu : kanjalo ekubeni ndiqondisiwe ukuba esosifo sipelile kulomizi ibaliweyo : ke ngoko, ngegunya namandla endiwa nikiweyo, ndiyazisa, ndibika, ndishu- mayela kanjalo ukuba lomizi yo Kali, Bob, Mlungu, Bokiwa, Mbeni, Qetanis, Wana, Nozingea, Hlikaso, Velapi, Ka- takana, no Driivis kwisitili sakwa Qumbu, ayisokuba, sabalelwa ukuba ugumandla one sifo ngalomteto, ka- njalo ikululekile kwizimiso zalo Ntshu- mayelo, engokunje ehlehliswayo kulo- mizi ibaliweyo.

U TIXO ASINDISE INKOSAZANA !

Ikutshwe ndim ngetywina lakomkulu lekoloni yase Kapa, ngomhla we 17 ku August, 1896.
W. H. GOODENOUGH, Lieutenant-General,
Igoso Elipete u Rulumente.
Ngomyolelo wo Mhlekazi, Igosa elipete Igqugula lo Laulo.
P. H. FAURE.

No. 402, 1896.]

### ISAZISO SAKOMKULU.

-------

ABACELA UKUTUTA IPOSI.

Ukusuka kwi Ofisi ye — Posi ukuya kwisitishi sika Loliwe, kwi Dolopu yase Qonce.

------

KUYAZISWA ukuba Incwadi ezi- tywini weyo zezicelo, ezibe- kiswe ku Mongameli Wegqugula Lezicelo, zaza zabalwa kwatiwa "Izicelo zokututa iposi pakati kwe Dolopu yase Qonce ne Stishi sika Loli- we," ziyakwamkelwa kwi Ofisi yemi cimbi e-Kapa, kude kube ngumhla we 13 ka October lo uzayo, ngo 12 emini emaqanda, ukuze kututwe leposi nge- nqwelana ezitsalwa ngabantu nokuba zezamahashe, njengoko kusukuba kufu- neke njalo :—

Pakati kwe Stishi sika Loliwe, e Dolo- pini, ne Ofisi ye Posi, ngemizuzwana elishumi ukubeka paya, nangokubuya ngokunjalo, ngangenani ekufuneka Iona ngokuyelelene nokungena nokumka kololiwe we mpahla. Ukuze incwadi zinganqikwa pambi kwexesha elililo, kufuneka ukuba Abaceli babale nga- pandle lamazwi ati "Isicelo somsebenzi Wokututa inlpahla pakati kwe Qonce ne Stishi sika Loliwe."

Ikontileke yoqala ngomhla *wokuqala* ku January, 1897, ipele nge 31 ku December, 1897. Bayabongozwa abo bacelayo ukuba baxele iminqopiso yokuwuquba lomsebenzi kude kube ngumhla wama 31 ku December, 1897, nokuba ngu 1899. Nokuba yiyipina kwezi kontileki ayita- batileyo umntu, ukululekile ukuba ayi- pelise ngokunika isaziso—inotisi sbali- weyo— nenyanga ezine.

Uhlobo lokubalwa kwizicelo, olune- ngxelo ezeleyo yohlobo lokubekwa kweminqopiso, lunokuzuzwa ngolufuna- yo kwi Mantyi nokuba kukumpati we Posi e Qonce.
S. R. FRENCH,
Postmaster General.

Kwi General Post Office,
e Kapa, Ngomhla we 20 August, 1896.

ISAZISO SAKOMKULU.—No. 65, 1896.

*Kwi Ofisi Enkulu Yonocanda,*
*E Kapa* 9 *June,* 1896.

KUYAKUBAKO ifandesi lale mihlaba ingezantsi apa ekumandla waso STOCKENSTROOM eliya kuqutywa pambi kwe Ofisi ye Mantyi e Seymour, ngo 10 kusasa ngolwesi BINI, 29 SEPTEMBER, 1896. Liya kuqutywa pantsi kwe migaqo enoyifumana kumhlati wckuqala welipepa one Saziso No. 47, 1896.

Izalatiso nemigaqo ye fandesi zingabonwa kwi Ofisi ye Nkulu yo Nocanda e Kapa, nakweye Mantyi e Seymour.
J. TEMPLAR HORNE,
Surveyor-General.

-------

Kumandla wase Stockenstroom.

Lot 333 ongu Lot No 25, kwi Lokishi yakwa Mankazana. Ububanzi 3 morgen 394 square roods, upela, ngentla-ntshona- langa nge Erf No 24 ngase eude ngedlelo, ngase SW ngomlambo wakwa Mankazana. Inani lentengiso £300, indleko zccando njalo njalo £2 10/, eyetaitile 12/3.

Lot No 866, ongu Lot No 38 kwi Lokishi yase Hertzog. ububanzi 90 square roods Upela ngase node ngedlelo, ngase sude ngo No 37, ngase mpumalanga nge Thomas Street, ngase ntshonalanga ngedlelo. Inani lentengiso £5, indleko zocando, njalo njalo, £2 10/, eyetaitile 12/3.

Lot No 8662 ongu Lot No 33 kwi dolopu yase Soymour, ububanzi 150 square roods, upela ngase node ngo , Lot 32, ngase sude ngo Lot 34, ngase mpumalanga ngedlelo, ngase ntshonalanga nge sitilato, inani lentengiso £20, indleko zocando, njalo njalo, £2 10/, eye tayitile 12/3.

C. P. MATYOLO, E Qonce,
USAHLELI.
QONDISISA APO AKONA —
Kwi Bala le Malike.

-------

WENZA Izihlangu Ezihle " konkena," ngawona manani apantsi Zinoku- tunyelwa nge Posi kulo lonke elimiweyo Ezona zihle, ezona zomeleleyo, ezona zitshi pu zentlobo zonke, uhleli enazo.

------

C. P. MATYOLO Boot and Shoemaker
Market Square, King Williams Town,
IKAYA LABANTSUNDU,
NE- VENKILE,
E QONCE.

SIVAWA'ZISA umzi wakowetu. ukuba zisamana zifika Iqiya Ezibukali ze SILIKA ezina Maqhina ,e Minqwazi (Caps) yazo. Kutike ne MPAHLA ENTSHA ye Bhola ne Ten- is. Ihleli yodwa thu ! !! Amapini aqala ku 6/0 ye ku 2 1/6 ne 24'6.

-------

PAUL XINIWE General Agent, .
*King William's Town and East London*
IKAYA LABA HAMBI.
E BAI.

------

KUMANDI ukuba ndivakalise ukuba ngenxa yokusweleka kwe ndawo enje ngale yabantu Abantsundu e Bhai, u Mr. O. HENDERSON, UM Afrika wase America, ngoku umise IKAYA labo bonke, abanga bango nwaba xa bakude namakaya abo.

Abahambi babizwa imalana elula ngokuhlala, batye kona.
Resolute Boarding House,
Russel Road,
Port Elizabeth

# HEPWORTH'S Limited, Abenzi naba Siki be Ngubo,

IMPAHL Aezintsha ezifikileyo ziko ngoku zonke zibekwe amanani abona- kalayo nalula angala :—

Isuti zama Kwenkwe ziqala kwi 3/6 zinyuko Ibhulukwe zama Doda ziqala kwi, 7/11 zinyuke
„ „ Doda „ 21/- „ Idyasi „ „ 21/-ziye kwi 27/6

## ZISHIYANA NGOLUSU LWAZO

KANIZOKUBONA ISUTI ZETU ZOKU TSHATA—Ziqala kwi 42/- ezona ntlobo zintsha kwimpahla yakwo HEPWORTH akuko mavukuvuku kupela zezomeleleyo ngamanani alula. Kanize kulinga kwa HEPWORTH Limited, Maclean Street, E-Qonce.





Yizani Nibone! Yizani Nibone
Ifandesi elikulu Lempahla Ngamanani Atotyi- weyo ko

## Dyer & Dyer, Limited
E-QONCE

*Zonke Impahla ebezi Sele zisatengi- swa ngamanani apantsi kakulu.*

I Carpet Bags yi 3/6; Iminqwazi ye Twidi 9d.; Ihempe Zokusebenza 11d; Ihempe Ezimhlope 2/6.

Kuko Ityali ezintsha ezisa ndulukufika, zifa- nelekile kanye, ziqala kwi 3/- inye.


| | | |
|---|---|---|
| Idyasi Zamadoda .. | .. | 9/11 |
| Isuti „ *ze* Twidi .. | | 16/11 |
| „ elungileyo ye Serge .. | | 25/- |

------IMPAHLA ZOKUTSHATA - Imitika Emnyama ne Ndulubatyi, ne Bhulukwe ze Twidi yi

26/- nge SUTI

I Printi ezintsha yi 5d. nge yadi; I Kausi Za- madoda yi 6d.; Indulubatyi y i 1/6; Ibhulukwe Zangapantsi yi 1/9,

DYER and DYER, Limited,
KING WILLIAMS TOWN.



Ye GUSHA I DIP

## EKA LITTLE.

Abafayi be Gusha abantsundu mabafune i Dip ye Gusha ka LITTLE xa bafuna yona maze banga tabati nnnye yezi zinga pantsi kwayo ngokulunga!

EKA LITTLE
I DIP ENGU MGUBO
IZITYA ZOKU DIPA
Ezomeleleyo zenziwe ngentsimbi, zikapukapu azirolelwa mali ininzi abafuna incazelo nama nani bobalela
MORRIS, LITTLE, & SON, Limited,
**PORT ELIZABETH.**

-O-

**ALLEN & CO.,**
BASE GCUWA
BACELA AMEHLO ENU OKWEXESHANA.

YEYONA Venkile e Transkei enazo zonke Impahla Ezibuhlungu. Yizani nibone !

INGUBO ZAMANENE : Amahomba makayiqonde le Venkile) ISUTI, I- BHATYI, IBHULUKWE, IHEMPE, IZIHLA- NGU, njalo njalo.

IMPAHLA ZAMALEDI : Maledi niyeva kodwa? IPRINTI, (ITYALI zetu Zizodwa), ILOKWE, IKELEKO, IZIHLANGU ne SHUZI, njalo njalo.

IMPAHLA ZOKUTSHATA
*Ukutya ne Zikumba kutengwa ngamanani apezulu arolwa napina.*
*Impahla enisukuba ningaziboni ningalibali u- kuzibuza.*
ALLEN & CO., Butterworth.





LEMINYAKA I 18
IGQITILEYO,
SINGENISE KWELI LIZWE
IBLANKETE
ZOBOYA.

*EZILUKWE NGOBUGCISA OBU BODWA, Igama lazo yi ''EXTRA NAVY or MATTROSS.''*

-----

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPA- ULE i BLANKETS ZONKE ngopawu esi- luqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifa nekiso le yongamele lenteto.

-------

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENE- NE, kangelisa kunene ukuba ina- wona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo.

-----

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYU- ZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU.
IBLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

------

Kwivenkele enitenga kuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama.

------

Ziya kubako kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke,

----

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

## James W. Weir & Co.
E QONCE.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama

## Thomas Bailey & Co.
E QUEENSTOWN,

BASANDU KUFIKELWA YIMPAHLA ENINZI

IZIHLANGU, ISHUZI
kwane SLIPPERS.
ZONKE BAZITENGISA
Ngamanani alula apa e Safafika

-------

I Veldtschoen zama doda ziqala kwi 4/6.
Ezibotshwayo „ nenekazi „ 4/-
(ZINOLUSU KANYE)
I Slippers, ziqala kwi 2/6
BONKE MABEZE KUZI KETELA

# O BAKER, BAKER, and CO.,
E QONCE.



Siya kwa BAKER!

## Bane Fandesi Elikulu!

NGOKUNJE

Yonke Impahla Itotyiwe!
I Printi ziqala 2d. pr yd
Imuslin 1d.

**IZIHLANGU,**
ZONA ZITOTYWE KAKULU KANYE.
IMPAHLA ZAMADODA NAMA KWENKWANA,
KUFUNEKA ZITENGIWE ZAPELA.
Elowo makake eze Kuzibonela ngokwake.

Kwa BAKER, BAKER & CO

IKOMPONI ENTSHA YASE JAGERSFONTEIN YOKU- *MBA NOKUPANDA, LIMITED.*

KUYAZISWA apa ukuba u MR. JAMES SAUNDERS (Mahlasa- bangella), obefudula ese Koffyfontein, unyulelwe ukuba abe ngu Mpati wa Bantsundu, ne Mingxuma e Jagersfontein, umsebenzi wowuqa- la ngo 19 Iwale nyanga.
Ngomyalelo,
NELSON S. GIRDLESTONE,
Unobhala.
Kimberley, August 14, 1895.

**KUFUNWA**

AMADODA apilileyo, afunelwa umsebenzi wapezulu nowa- se mngxunyeni kule Mingxuma yase Jagersfontein.
QONDANI.—Kwabakufupi e Qonce u WM. N. SIKITI,

## Beauchamp, Booth & Co
E QONCE

*Siyanazisa ukuba siwafezile amalu- ngiselelo ebe siwenza sine*

## Mpahla Ezintsha!!!

I GERMAN PRINTS, ezona zilungileyo yi 6d. i yadi.
IZITAFU Ezipindiweyo (double width) intlobo zonke zamabala yi 1/- iyadi (ngamanani alula).
ITYALI ezintsha zoboya ezisandulu kufika ze- nziwe kakuhle ziqala kwi 4/- ziye kwi 40/- inye.
IHEMPI eziyi micako ezomeleleyo ye 6d 7 1/2d, 9d, nge yadi.

------

*ILOKWE ZOKUTSHATA ese zenziwe kade ziqala kwi £1 5s, zide yiye kwi £5, zinako noku o- dolwa ze zenziwa kwa oko.*
IVEYILE ZABATSHAKAZI, intyantyambo.

-----

IZIHLANGU ne SHOES nayo yonke into enga- funekayo yomtshato.

Yizani Kubona Isitora setu esikulu esitsha.

## Beauchamp, Booth & Co,
Late JOHN J. IRVINE & CO.

